

Inombolo yefayili: 21/2/5/2
Isalathiso: 20250317-1733

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithyulam yeGET neye-FET: 0005/2025

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziiprayimari neziziisekondari

Isihloko: Isimemo esiya kubafundi, abaneminyaka eli-11 ukuya kweli-18 ubudala, ukuba bathathe inxaxheba kwi-Expo for Young Scientists yephondo ka-2025.

1. I-Expo for Young Scientists (EFYS) yiprogram engenelela ngoncedo ngokudlala indima evuselela uthando lwe-Science, i-Technology, i-Engineering, i-Mathematics, kunye ne-Innovation (STEMI) kubafundi abasebatsha, ababudala buyiminyaka eli-11 ukuya kweli-18. Injongo yayo kukukhuthaza izakhono zenkulungwane yama-21 ezifana nokucinga nzulu, ukusombulula iingxaki nonxibelelwano kwimeko yenzululwazi, ukukhuthaza abafundi ukuba bathathe inxaxheba kwiiprojekthi zophando nokwakha isiseko esiluqilima kwiinkalo ze-STEMI. Ezi zakhono kunye neemfundiso ezisiseko zinegalelo ekuphuhliseni kweentsapho kunye noluntu kwiilabathi eliguqukayo.
2. I-EFYS yasekwa ngo-1980 ukwenzela ukuphumeza oku kulandelayo:
 - ukukhuthaza ulutsha loMzantsi Afrika ukuba luthathe inxaxheba kwimisebenzi ye-STEMI ukukhulisa umdla kwezi nkalo nokuphuhlisa izakhono zobunzululwazi ezitshintsha ubomi; kunye
 - nokudala amathuba okuba abafundi abaselula basebenzise iindlela ezikhuthaza ukufunda nokubalungiselela ukwamkela izifundo ze-STEMI yaye ngokwenjenjalo, bakhokelelwe kwiindlela zezifundo namakhondo omsebenzi ezenzululwazi.
3. I-EFYS ihambelana noku:
 - Umbono weSebe leMfundo leNtshona Koloni wokubonelela ngemfundo esemgangathweni kuye wonke umfundi, kwiklasi nganye, kwisikolo ngasinye kwiphondo.
 - Isicwangciso sephondo se-Mathematics, i-Science ne-Technology (MST)

- Umbono we-Expo (*Expo Vision*), okhuthaza oosonzululwazi nabaphandi abakhulayo, nofuna ukuphucula nokomeleza ikharithulam efundiswa ngemisebenzi ehambelana nezifundo ze-MST.
4. Ukulungiselela abafundi i-EFYS, imisebenzi yenziwa unyaka wonke wezifundo ukugxininisa kwikota nganye ngolu hlobo lulandelayo:
- **Ikota 1:** lindibano zoomasifundisane boqeqesho bokunika abafundi ingcaciso eyimfuneko.
 - **Ikota 2:** Ukubeka iliso kwinkqubela eyenziwe kwimiboniso yezithili ukunika ingxelo ngokuqhubekayo kubafundi. Bonke abafundi mabathathe inxaxheba kumboniso wesithili okanye kumboniso wesikolo, njengoko oku kungumjikelo owandulelayo onyanzelekileyo wokuthatha inxaxheba kwi-*Regional Science Fairs (RSFs)*. Imiboniso yezithili iya kuboniswa kwizithili ezahlukeneyo kwiphondo liphela ukuze abafundi bangenele ukuthatha inxaxheba. **Makujongwe kwiSIHLOMELO A.**
 - **Makuqatshelwe:** Ukubaluleka kwezi seshoni kuya kuba kukubanika abathathi-nxaxheba abaphumeleleyo ingxelo eyimfuneko ngokuqhubekayo yokuphucula iiprojekthi zabo ze-RSF.
 - **Ikota 3:** Ii-RSF ezine ziya kuqhutyelwa eKapa, e-Eden Karoo, e-Stellenbosch nase-West Coast apho abafundi baya kuthi babonise iiprojekthi zabo ezisemgangathweni. I-RSF ibonelela abafundi abakhethiweyo ababonise iingcinga ezintsha ithuba lokukhuphisana kwi-*International Science Fair (ISF)* ebanjelwa e-Gauteng.
 - **Ikota 4:** Iprogram i-*Teacher Professional Development programme*, yokuqeqesha ootitshala yeyona ndlela ingcono yokulungiselela abafundi kukhuphiswano lwemiboniso.
5. **Impumelelo ye-EFYS yango-2024**
Umboniso wesithili: Ngenxa yokugxininiswa kokuba izithili zithathe inxaxheba kumboniso kuye kwaboniswa iiprojekthi eziyi-1132.
Kwi-RSF: Yi-60% yabathathi-nxaxheba eyafumana iimbasa.
Kwi-ISF: Yi-93% yeeprojekthi ezathatha inxaxheba ezifumene iimbasa. Ukongeza apho, iindidi ezintathu zabaphumelelayo nabayi-12 abaphumelelayo njengabagqwesileyo bafumene iimbasa ezikhethekileyo.
6. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zibanike abafundi iingcinga ezintsha namathuba okungenela ukhuphiswano. Abafundi banokufumana iingcinga ngokwenza oku kulandelayo:
- ngokuqwalasela iindawo abahlala kuzo kunye nabanye abantu;
 - ngokuthetha nge-17 *United Nations Sustainable Development Goals*; okanye
 - ngokusebenzisa iindidi eziyi-13 zomboniso, njengoko zichaziwe kwi-*Expo Project Guidebook*. Ilinki yokufikelela kule ncwadi yile: <https://exposcience.co.za/get-involved/resources/>
7. Bayakhuthazwa abafundi ukuba basebenzise iklabhu ye-STEM okanye iiseshoni zesayensi esikolweni ukuvelisa iingcinga zeprojekthi.

8. Ukufumana ingcaciso engaphezulu malunga ne-**RSF**, makujongwe kwi**SIHLOMELO A**.
9. Ukuba unayo nayiphi na imibuzo, uyacelwa uqhagamshelane no-Lyndon Manas, umququzeleli wephondo we-**EFYS** apha: Lyndon@exposcience.co.za okanye ku-083 246 3667.
10. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU BJ LORISTON

UMLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2025-03-20